



Inombolo yefayili: 19/3/2  
Isalathiso: 20240118-888

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0001/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela Balawuli, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo, nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**ISihloko: Ukwandiswa kwethuba lokubasemthethweni kwezikhokelo zoviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zango-2021 (2021 National Senior Certificate (NSC) examination guidelines)**

1. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye nezi ngcaciso zimfutshane neesetyhula zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-WCED) zilandelayo:

Ingcaciso emfutshane/Isetyhula	Inkcazo	Umhla wopapasho
Isetyhula 0017 ka-2021	Ukuqaliswa kokusetyenziswa kweNkcazo yomGaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo ( <i>Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS) efinyeziweyo (abridged)</i> ) kwiCandelo 4 kwiBakala 12	13 Apreli 2021
Ingcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam noVavanyo 0002 ka-2021	Izikhokelo zoViwo zeBakala 12 zango-2021	11 Meyi 2021
Ingcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0013 ka-2021	Iimpazamo kwizikhokelo zoviwo ezibhaliweyo zeBakala 12 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) zango-2021: limviwo ze-NSC	24 Agasti 2021.

2. Izikhokelo zoviwo lwe-NSC ezavunywa ngu-Umalusi, zakhutshelwa ukuba ziphunyezwe ngo-2021, 2022 nango-2023. Oku kulandela izilungiso kwiCandelo 4 le-CAPS.
3. Izikhokelo zoviwo zicwangciselwe ukujongisiswa kwakhona kwithuba lomjikelo weminyaka emithathu (*three-year cycle*) ukulungiselela ukuhlaziywa ngokwezilungiso zemigaqo-nkqubo ezichaphazela ikharityhulam neemvavanyo/neemviwo. Ngenxa yokuqukunjelwa komjikelo weminyaka emithathu, izikhokelo zoviwo bezicwangciselwe ukuba zijongisiswe kodwa ngenxa yezizathu ezithile, ziye zapapashelwa ukuphunyezwa kunyaka wokufunda ka-2024. Kuba inkqubo yokomelezwa kwekharityhulam iyeqhubekayo, kucingelwa ukuba kufanelekile ukuba kulindwe ukuqukunjelwa kwale nkqubo phambi kokuba kwenziwe naziphi na izilungiso kwizikhokelo zoviwo.
4. ISebe i-WCED lafumana iSetyhula E17 ka-2023, yomhla we-08 Disemba 2023, kwiSebe leMfundo esiSiseko, eyazisa izikolo ngokwandiswa kwithuba lokubasemthethweni kwezikhokelo zoviwo lwe-NSC zango-2021. Ngoko ke, izikhokelo zoviwo ezaziqaliswe ngo-2021 ziya kuhlala zisebenza yaye maziphunyezwe ngo-2024 kuzo zonke izikolo ezifundisa izifundo ze-NSC kwiBakala 12. Akukho zinguqu kwi-CAPS ukwenzela u-2024.
5. Izikhokelo zoviwo zinokufunyanwa ngokungena kule linki ilandelayo: <https://www.education.gov.za/2021Grade12ExamGuidelines.aspx>.
6. Makuqatshelwe ukuba izifundo ezinezihloko ezichaziweyo neenkalo zekhontenti ezifundiswayo yaye zivavanywe kwithuba lomjikelo weminyaka emithathu, ziya kuqhubeka nezihloko neenkalo zekhontenti zango-2021 yaye ezi nkalo zekhontenti ziya kufundiswa yaye zivavanywe ngonyaka wokufunda ka-2024.
7. Kucelwa nazise ngale ngcaciso kubo bonke ootitshala bezifundo nabafundi beBakala 12 ukuze bakuthathele ingqalelo.

**SAYINA:** H MAHOMED

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**

**UMHLA:** 2024-01-22